NguMongameli
Henry B. Eyring
Isekela LokuQala
kwisiMongameli
SokuQala seCawa

Ukwabelana ngeVangeli ngeNtliziyo yakho Udlulisele kwiNtliziyo yomnye umtu

uThixo uyakubeka abantu abalungiseleleyo endleleni yabakhonzi Bakhe abazilungiseleleyo ukwabelana ngevangeli. Kwenzekile ebomoni bakho oku. Ukuba kwenzeka kangakanani na kuxhomekeke kulungiselelo lwengqondo kanye nentliziyo yakho.

Ndinomhlobo othandaza ngazo zonke iintsuku ukuba adibane nomtu olungiselelweyo ukwamkela ivangeli. Uphatha ikophi yeNcwadi kaMormoni. Kubusuku obabundulela utyelelo olufutshane, wacinga ukungayiphathi lencwadi kodwa aphathe ikhadi- elinikwa abantu elinomyalezo wevangeli. Kodwa xa wayelungiselela ukuhamba, kwafika umvakalelo womoya kuye: "Thatha iNcwadi kaMormoni uhambe nayo." Wayifaka kwibhegi yakhe.

Xa umfazi amaziyo wahlala ecaleni kwakhe kolo hambo, wazibuza ngokumangala, "Ingaba nguye lo?" Waphinda wahamba naye xa bebuya kutyelelo. Wacinga ukuba, "Ndingaqala ngaphi ukuthetha naye ngevangeli?"

Kodwa wasuka, lo mfazi wathi kuye, "Ingaba uyasibhatala na isishumi ecaweni yakho, okanye?" Wavuma wathi kunjalo. Wamxelela ukuba kwakufanelekile ukuba asibhatale isishumi ecaweni yakhe kodwa wayengayenzi lonto. Ze wambuza wathi, "Ungandixelela ntoni ngencwadi kaMomoni?"

Wamcacisela ukuba incwadi sisibhalo esingcwele, obunye ubungqina bukaYesu Krestu,obaguqulwa nguMprofeti uJoseph Smith. Wabonakala enomdla, ngoko ke wavula ibhegi yakhe wafaka isandla sakhe kuyo wathi kuye, "Ndiye ndanemvakalelo yokuba ndiphathe le ncwadi. Ndicinga ukuba yeyakho."

Waqala wayifunda. Bathi xa behlukana wathi, "Mna nawe sizakuthetha sibenengxoxo neencoko ngalento.

Oku umhlobo wam ebengazokwazi—kodwa uThixo *Yena* wayeyazi—ukuba lo mama wayekhangela icawa. uThixo wayesazi ukuba wayemjongile umhlobo wam' kwaye ezibuza ukuba kutheni icawa imenza onwabe kangaka. uThixo wayesazi ukuba uzakubuza ngencwadi kaMormoni kwaye uzakuba nomdla wokufundiswa ngabefundisi. Weyelungile. Kanye nomhlobo wami. Mna nawe singazilungiselela.

Ulungiselelo esiludingayo olwengqondo kanye nentliziyo. Lomfazi weva kwaye wakhumbula amazwi aphuma encwadini kaMormoni, iNkosi yayibuyise icawe,kanye nomyalelo wokukhipha okweshumi kuThixo. Kwaye wakuva ukuqala bobungqina benyaniso entliziyweni yakhe.

iNkosi yathi kuthi uyakuveza inyani ezingqondweni kanye nasezintliziyweni zethu ngoMoya OyiNgcwele (bona D&C 8:2). Abantu abaninzi odibana nabo banesiqalo sololulungiselelo. Sebevile okanye sebefundile ngoThixo kwakunye nelizwi Lakhe. Ukuba intliziyo yabo ithambile, sebevile, kodwa kancinci, ubungqina benyaniso.

Lomama wayesezilungiselele. Kanye nomhlobo wami, Ongcwele wezintsuku zokugqibela owayefunda incwadi kaMormoni. Owaye nobungqina ukuba eyenyaniso, kwake wanikezwa waboniswa nguMoya ukuba athathe ikhophi. Owayezilungiselele ngokwengqondo kanye nentliziyo.

uThixo ulungiselela abantu ukuba bamkele ububgqina bakho benyaniso ebuyisiwe. Ufuna ukholo kunye nezenzo zakho ukuze wabelane ngamandla oko kulibhongo kuwe nakwabo ubathandayo.

Zilungiselele ukwabelana ngokugcwalisa ingqondo yakho ngawo wonke amalanga ngenyaniso yevangeli. Xa uphila imiyalelo kwaye ugcina iminqophiso yakho, uzakuva ubungqina boMoya kwakunye nothando loMsindisi wakho nalabo ohlangana nabo.

Ukuba udlala eyakho indima,uyakwengezelela ubuka nokujabula ngokuhlangana nabanye abantu abazilungiselele ukuva ngobungqina benyaniso—obunikelwa ngintliziyo kuye kwenye intliziyo, eyakho neyabo.

UKUFUNDISA NGALOMYALEZO

Cinga ngokufunda lomyalezo nosapho kwaye nixoxisane ngesiqephu sokugqibela, lapho uMongameli Erying ethetha ngezidlela zokuqinisa ubungqina bakho. Thetha nosapho lwakho ngokubaluleka kokuthethe ngobungqina bakho xa wabelana ngevangeli. Abantwana kusapho lakho bazokubona kuluncedo ukudlala-ngokubonisa ukuba unikeza kanjani ubungqina kubahlobo bakho.

ULUTSHA

Yazi ukuba uzakuthetha ntoni

Ukuba uziva ngathi awazi ngokwaneleyo ngevangeli ukuze wabelane nabanye, fumana ukuthuthuzeleka kwizithembiso ezivela kwiziibhalo.

Phakamisani amazwi wenu kwaba bantu; thethani iigcinga endizaku zifaka ezintliziyweni zenu,anisayi kubopheka phambi kwabantu;

"Uzakunikezwa ngaleloxesha, ewe, kuloyomzuzu, ukuba uzakuthini" (D&C 100:5–6).

Umthuthuzeli, onguMoya oyiNgcwele, uyakuthumelwa nguBawo ngegama lam, uyakuk'fundisa yonke into,uyakunikhumbuza zonke izinto, konke endikutshilo kuwe" (u Yohane 14:26).

Ezi zithembiso zinkulu, ukuba sizifumane, kufaneka sidlale indima yethu. Kulomyalezo,uMongameli Erying wasifundisa ukuba sizifumana kanjani: "Zilungiselele ukwabelana [ivangeli] ngokugcwalisa ingqondo yakho mihla yonke ngenyaniso yevangeli." Ungenza ntoni ukuba ugcwalise ingqondo yakho ngenyaniso yevangeli?

ABANTWANA

Zilungiselele ukwabelana

uMongameli uErying uthi ikhona indlela exabiselikeyo yokwabelana ngevangeli ukugcwalisa ingqondo zethu ngenyaniso zevangeli. Ngeziphi izinto onokuzenza ukuba uzilungiselele ukwabelana?

© 2012 yi Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/11. Isivumelo Sokuguqula: 6/11. Inguqulelo ka First Presidency Message, September 2012. Xhosa. 10369 774

Uncedo olunikelweyo kanye neentswelo ezikhethekileyo

Funda lo myalezo, kwaye ngokufanelekileyo uxoxe ngawo kunye noodade obandwendwelayo. Sebenzisa lemibuzo ukukunceda womeleze odade bakho kwaye nokukwenza Umbutho wooMama usebenze kwindawo yawo ebomini bakho.

Ukholo, Usapho, Uncedo

Iintswelo zabanye zisoloko zibonakala, "kwatsho uMongameli uThomas S. Monson, "sonke singathatha inxaxheba ekwenzeni into eluncedo komnye umtu. . . . Xa singazifaka emsebenzini wokuba noncedo kwabanye, kuncinci okukhoyo esikuphilelayo okunenjongo ebomini bethu."[1]

Njengaba ndwendweli bamakhaya singakwazi ukwazana kwaye nokuthanda udade ngamnye esibandwendwelayo Ukuba luncedo kwabo esibandwendwelayo kuzoza lula ngothando esinalo (bona uYohane 13:34–35)

Singazazi njani iintswelo zomoya kwakunye nezenyama zoodade bethu ukuba sinikela ngoncedo xa luyimfuneko? Njenga bandwendweli makhaya, sinegunya lokuthola intshingiselo xa sithandazela abo sibandwendwelayo.

Ukuhlala sinxulumana nabo oodade kubalulekile. Undwendwelo, ukuthetha efonini, incwadi yokubagqugquzela, i-imeyili, ukuhlala naye, ukumncoma, ukumamkela ecaweni, ukumnceda ngexesha lokugula kwakunye nelezinswelo, okanye ezinye izenzo eziluncedo lunceda ekujongeni nasekwakheni omnye nomye.[2]

Abandwendweli makhaya bacelwa ukuba bazise ingxelo ngentlalontle, nangeentswelo zoodade, okanye uncedo amabalunike bona. Ezi ngxelo kwakunye noncedo esilunikeza oodade bethu kubonisa ukuba singamakholwa.[3]

Kuvela kwiZibhalo eziNgcwele

Yohane 10:14–16; 3 Nifayi 17:7, 9; Moronayi 6:3–4

Kuphuma Embalini Yethu

Ukuncedana yeyona into engaphakathi kwentliziyo yokufundisa ngokundwendwela amakhaya. Ngokuqhubeka sincedane ubuhlobo kanye nobubele buyandiseka ngaphezulu kondwendwelo lwangenyanga. Ukukhathalela abantu okubalulekileyo.

Umnqweno endiwulangazelelayo mna kukuncenga oodade bethu ukuba bangakhathazeki ngokufona okanye undwendwelo lwangenyanga yesine Wasicela ukuba "sibhekane nabantu abangaqinanga."[4]

uMongameli Spencer W. Kimball (1895–1985) wafundisa, "Kubalulekile ukuba sibeluncedo kwabanye abantu kwikumkani." Kodwa wabona ukuba uncedo lwethu alufuneki ukuba zibengezobuqhawe. "Ngamanye amaxesha, izenzo zethu eziluncedo zine nkuthazo okanye ukunikela . . . nokunceda ngezinto ezijwayelekile," Esesho, "Kodwa iziphumo ezinendumiso zingeza . . . kwizenzo ezincane kodwa ezinhle."[5]

IZIKHUMBUZO

1. Thomas S. Monson, "Ingaba Ndimenzele Ntoni Omnye Umntu Namhlanje?" *Liahona,* Novemba 2009, 85.
2. Bona *Handbook 2: Administering the Church* (2010), 9.4.2.
3. Bona *Handbook 2,* 9.5.4.
4. Mary Ellen Smoot, *Zintombi ezikubukumkani Bam: Imvelaphi kanye nomsebenzi wenhlangano yenkululeko* (2011), 117.
5. *Iimfundiso zooMongameli beCawa: Spencer W. Kimball* (2006), 82.

Yintoni Endinokukwazi Ukuyenza?

1. Ingabe ndiyayifuna intsingiselo yokukwazi ukunikeza uncedo kwizidingo zomoya nezenyama zodade bam endinikezwe ukuba ndibagade?

2. Ingabe bazinjani odade endibajongileyo ukuba ndibakhathalele nentsapho zabo?

Ukufumana olunye ulwazi, iya ku www.reliefsociety.lds.org.

© 2012 yi Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/11. Isivumelo Sokuguqula: 6/11. Inguqulelo ka *Visiting Teaching Message, September 2012.* Xhosa. 10369 774